



It starts with a story...

But they don't want to read...

We know that the more our children read, the better they get at it and the more they enjoy it. So, we provide lots of interesting books for children to read from an early age, read to them regularly and offer them gentle encouragement each time they read or look at books.

But what if you've done all these things and your child can read, but chooses not to? How do you "switch" them on to reading again or for the first time? Here are a few suggestions – some of them from children who stopped reading for pleasure for a while and then reconnected with it!

- For some children, reading is difficult and so it's less likely that they will choose to read for pleasure. To help them discover the enjoyment

that we can get from reading, try to find material on topics that you think will interest them. Books and magazines with more pictures than words can often make reading seem like less of a chore. Read together only for as long as your child seems interested – then leave the book or magazine lying around so that they can choose to look at it later.

- Reading aloud to children regularly – no matter what their age – makes books and reading part of daily life. It is a great way to spend time relaxing together and allows your children to experience stories without having to read them themselves. The satisfaction that they get from time spent together sharing stories, is often enough to switch them onto reading for themselves.
- Nagging never helps! Feeling bad about not reading doesn't encourage children to read –

instead, it makes them resent reading. Rather let your children see you choosing to read in your spare time and leave different kinds of interesting reading material lying around your home in places that they will find them!

- Visit the library or bookshops and let your children choose books that they want to read. Reading something is better than not reading at all, so don't worry if the books your children choose seem too easy for them, or are on subjects that you don't think are important. Respecting their reading choices helps them to grow as readers.

For more information on reading with your children, visit "Tips and Topics" on www.nalibali.org or www.nalibali.mobi.

Abafuni kufunda nje...

Siyazi ukuba okukhona abantwana bethu befunda, kokukhona besiba ngcono kwaye bekonwabela ukufunda. Ngoko ke, sibabonelela ngeencwadi ezininzi nezinomdla ukuze bafunde beselula, sibafundela rhoqo kwaye sibakhuthaza ngobunono ngalo lonke ixesha befunda okanye bejonga iincwadi.

Kodwa ke, kuya kuthini ukuba konke oku ukwenzile kwaye nomntwana wakho uyakwazi ukufunda, kodwa ukhetha nje ukungafundi? "Ulijija njani iqhosha" lokuba bafunde kwakhona okanye baqalise ukufunda? Nazi iingcebiso ezimbalwa – ezinye zazo zivela kubantwana ababeyekile ukufundela ukuzonwabisa okwexeshana baza baphinda baqalisa!

- Kwabanye abantwana, ukufunda yinto enzima kwaye ke ngoko akubonakali ngathi banokukhetha ukufundela ukuzonwabisa. Ukuze ubancede bafumane ukonwaba esikufumana ekufundeni, zama ukufumana izinto zokufunda ocinga ukuba zinemiba abanomdla kuyo. Iincwadi neemagazini ezinemifanekiso emininzi kunamagama zidla ngokwenza

ukufunda kungabonakali kungumsebenzi onzima. Fundani kunye kangangexesha umntwana wakho anomdla ngalo – ze uyishiye incwadi okanye imagazini ingungqikana nje, nto leyo enokwenza bakhetha ukuzijongela yona ethubeni.

- Ukufundela abantwana ngokuvakalayo rhoqo – nokuba bangakanani na ngokobudala – kwenza iincwadi nokufunda inxalenye yobomi babo bemihla ngemihla. Yeyona ndlela ilungileyo yokuphumla kuni nonke kwaye ivumela abantwana bakho bonwabele amabali ngaphandle kokuwafunda ngokwabo. Ukoneliseka abakufumanayo ngexesha enilichithe nisabelana ngamabali, konele ukubatshintshela ekuzifundeleni ngokwabo.
- Ukusoloko ulandelelana nabo akusoze kuncede! Ukuziva unesazela ngokungafundi akubakhuthazi abantwana ukuba bafunde – endaweni yoko, kubenza bakuthiye ukufunda. Kungcono abantwana bakho bakubone ukhetha ukufunda ngexesha ongenzinto ngalo uze ushiye iintlobo ezohlukileyo zokufundwayo ezinomdla zingungqikana ekhayeni lakho nakwiindawo abanokuzifumana lula kuzo!

- Ndwendwela ithala leencwadi okanye iivenkile zeencwadi uze uvumele abantwana bakho bazikhethile iincwadi abafuna ukuzifunda. Ukufunda nokuba yintoni na kungcono kunokungafundi kwanto, ngoko ke musa ukukhathazeka ukuba iincwadi abazikhethileyo abantwana bakho zikhangeleka zilula kakhulu kubo, okanye zingemiba ocinga ukuba ayibalulekanga. Ukuhlonela oko bakhetha ukufunda kubanceda bakhule bengabafundi.

Ukuze ufumane iinkukacha ezithe vetshe ngokufunda nabantwana bakho, ndwendwela u-"Tips and Topics" ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi.



Drive your
imagination

Read to me. Never too early.
Never too late.
Ndifundele. Awukashiywa lixesha.
Lingasokuze likushiye nanini na.





Drive your imagination

Story stars Growing through reading

Inkwenkwezi is a Rhodes University student organisation working to improve early childhood literacy in the Grahamstown community. We spoke to Emma Jackson, who has been volunteering with Inkwenkwezi since 2011.

Tell us about the work Inkwenkwezi does.

Inkwenkwezi focuses on children's literacy development. For one hour each week, volunteers spend time during break and after school at four primary schools in the Grahamstown area. We do paired reading (when a volunteer and child read a book together) because we believe this helps children, especially because their individual needs are often overlooked in big classes.

How do you involve the children's parents?

We send the children home with copies of the Nal'ibali reading-for-enjoyment supplement we receive each week, to read and explore together with their parents.

Why do you think reading is so important?

Reading is a very important part of learning and developing. It opens so many doors and allows a child to come into contact with thousands of different concepts. So much of what we learn and come to understand is through books. Also, in a country where up to 20% of adults are functionally illiterate, it's important to try and correct this; and it makes sense to do so starting with young children.

What are the main challenges you face?

It can be tough getting volunteers; and it's even tougher trying to keep the number of active volunteers going.

What motivates you to stay involved?

During my first year of volunteering I travelled across the railway line every Thursday to teach English to two Grade 2 learners, Hilda and Tarren, at an Afrikaans-medium school. For the first four weeks I could only get Hilda to speak to me in Afrikaans. But in the fifth week, something amazing happened – Hilda spoke her first two sentences of English to me. We were creating our own story called "Things I like" when Hilda said softly, "I like potato, I like butterfly." To me, it was a monumental breakthrough and evidence that what I was doing was making a small difference, and that small difference was worth it!

What do the volunteers get out of the project?

Inkwenkwezi doesn't just benefit the children. This project offers many ways for volunteers to grow as individuals. It allows many of them to do something they may have never done before – to teach!



Iimbalasane zamabali Ukukhula ngokufunda

Inkwenkwezi ngumbutho wabafundi eRhodes University osebenzela ukuphucula ilitheresi kubantwana abaselula boluntu lwaseRhini. Sincokole noEmma Jackson obe livolontiya kwi-Inkwenkwezi ukususela ngowama-2011.

Sixelele ngomsebenzi owenziwa yi-Inkwenkwezi.

Inkwenkwezi igxininisa kuphuhliso lwelitheresi ebantwaneni. Amavolontiya achitha iyure enye vekhi nganye ngexesha leriseyisi nokuphuma kwesikolo, kwizikolo zamabanga aphantsi ezine kummandla waseRhini. Sifunda ngababini (xa ivolontiya nomntwana befunda incwadi kunye) kuba sikholelwa ukuba oku kuyabanceda abantwana, ngakumbi kuba iimfuno zabantwana ngabanye zidla ngokungahoyeki kwiiklasi ezinkulu.

Nibabandakanya njani abazali babantwana?

Sithumela abantwana ekhaya neekopi zohlelo lweNal'ibali lokufundela ukuzonwabisa, esizifumana rhoqo ngeveki, ukuze bazifundele kwaye bachubelane ngamabali kunye nabazali babo.

Kutheni ucinga ukuba kubaluleke kakhulu ukufunda?

Ukufunda yinxalenye ebalulekileyo yokufunda nophuhliso lobuqu. Kuvula iingcango ezininzi kwaye kuvumela umntwana ukuba adibane namawakawaka eengqikelelo ezohlukileyo. Okuninzi esikufundayo nesikuqondayo kusukela ezincwadini. Kananjalo, kwilizwe apho ama-20% abantu abadala bangafundanga, kubalulekile ukuzama ukukulungisa oku; kwaye bubulumko ukwenza oko ngokuqala ngabantwana.

Yeyiphi eyona mingeni enijongene nayo?

Ngamanye amaxesha kunzima ukufumana amavolontiya, kwaye kunzima ngakumbi ukuzama ukuligcina inani lamavolontiya asebenzayo.

Yintoni ekukhuthaza ukuba uhlele uzibandakanya?

Ngonyaka wam wokuqala ukuvolontiya ndandinqumla umzila kaloliwe rhoqo ngoLwesine ukuya kufundisa isiNgesi kubafundi beBanga 2 ababini, uHilda noTarren, ababekwisikolo esasifundisa nge-Afrikaans. Kwiveki ezine zokuqala uHilda wayethetha nam i-Afrikaans kuphela. Kodwa kwiveki yesihlanu, kwenzeka ummangaliso – uHilda wathetha izivakalisi zakhe ezibini zokuqala zesiNgesi. Sasizenzela ibali lethu elithi "Izinto endizithandayo" xa uHilda wathethela phantsi ngesiNgesi esithi, "Ndiyazithanda iitapile, ndiyalithanda ibhabhathane." Kum, yayiyimpumelelo enkulu leyo nobungqina bokuba into endandiyenza yayisenza umahluko, kwaye loo mahluko mncinane wawunexabiso elikhulu!

Afumana ntoni amavolontiya kule projekthi?

Inkwenkwezi ayinanzuzo kubantwana nje kuphela. Koko le projekthi inika amavolontiya iindlela ezininzi zokukhula. Iumela uninzi lwawo ukuba lwenze into engelungazange lwayenza – ukufundisa abantwana!

Across the country, individuals and organisations are finding ways to make reading and writing part of children's daily lives. To say thank you, our featured Story Stars will receive meal vouchers* courtesy of Wimpy to enjoy with the children in whose lives they are making a difference.

* For terms and conditions that apply, go to www.nalibali.org/story-stars.



Kulo lonke ilizwe, abantu nemibutho bafumana iindlela zokwenza ukufunda nokubhala inxalenye yobomi bemihla ngemihla babantwana. Ukubabulela, iimbalasane zamaBali zethu ekubhalwe ngazo ziza kufumana iivawutsha zokutya* ezizunikwa ngembeko nangoncedo lwabakwaWimpy ukuze bazonwabele nabantwana abenza umahluko ebomini babo.

* Ukufumanisa imimiselo nemiqathango esetyenziswayo, yiya ku-www.nalibali.org/story-stars.

Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.40 a.m.

SAfm on Monday, Wednesday and Friday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya kuLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.40.


SAfm ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



UMimi noGogo baya ngasesitendini sezihlangu. Iinyawo zikaMimi zaphinda zangqisha kwakhona. "Yimani!" watsho uMimi. "Musani ukudanisa!"

"Stop!" said Mimi. "No dancing!"

Mimi and Gogo walked towards the shoe stall. Mimi's feet began to tap again.



"Gogo" wakhwaza uMimi ephezulu esebeni lomthi. "Mimi, yihla emthini!" kungxola uGogo. "Musa ukudanisa! Hamba nam, ubambe isandla sam." "Kulungile Gogo," utshilo uMimi.

"Yes, Gogo," said Mimi. "Mimi, come down!" shouted Gogo. "No dancing! Walk with me, and hold my hand." "Gogo!" Mimi called from a tree branch.



Fold

CAMBRIDGE

Mimi's dancing feet

Iinyawo zikaMimi ezidanisayo



Nicole Levin
Natalie Hinrichsen



Mimi's dancing feet is from the Rainbow Reading series by Cambridge University Press. Rainbow Reading is a graded series for primary schools. It provides a wealth of original stories and factual texts, which will help learners to develop the reading skills and vocabulary they need to meet the requirements of the curriculum – in all learning areas. Rainbow Reading consists of 350 titles which are grouped by level and theme. For further information, visit www.cup.co.za



Cambridge University Press
P O Box 50017, V&A Waterfront, 8002
Tel 021-4127800 | Fax 021-4198418
Email info@cup.co.za



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



INal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Fold

“Akukho ntombazanana edanisayo okhe wayibona?” uGogo wabuza kumthengisi! wentsyatyambo.

“Hayi, khangela ndiyibone,” utshilo umthengisi. UGogo wahamba ekhangela kuyo yonke imarike. Wayengamboni ndawo uMimi!

Gogo walked all over the marketplace. She couldn't see Mimi anywhere.

“No, I haven't,” she said.

“Have you seen a dancing girl?” Gogo asked the flower seller.



Mimi's feet always want to dance. Her feet dance away from Gogo. Step, hop, step, leap, skip, turn!

Inyawo zikaMimi zisoloko zifuna ukudanisa. linyawo zakhe zidanisa zimke kuGogo. Nyathela, tsiba, nyathela, xhuma, tsiba, jika!




They dance over chairs and under tables. They dance out of the house. They dance across the street. They dance up trees. Mimi's feet dance everywhere.

Zidanisa phezu kwezitulo naphantsi kweetafile. Zidanisa ziphume endlwini. Zidanisa zinqumle isitalato. Zidanisa zikhwele emithini. linyawo zikaMimi zidanisa kuyo yonke indawo.



Kodwa iinyawo zikaMimi zazingamameli. Zazidanisa yonke indawo. Zazidanisa phantsi kweetafile nasemva komthengisi! Nyathela, jika, nyathela, jika, baleka, xhuma!


But Mimi's feet wouldn't listen. They danced everywhere. They danced under a table and behind the flower seller. Step, turn, step, turn, run and jump!



But Mimi was gone, dancing all the way home.

Kodwa uMimi wayesele eyokutshona, edanise wagoduka.

And then they danced into a box of melons. Suddenly Gogo couldn't see Mimi anywhere. "Oh no!" cried Gogo. "She's danced away again!" Zadanisa zangena kwibhokisi yeevatala. Ngephanyazo uMimi wanyamalala, uGogo akambona kuyo yonke indawo. "Owu bantu bakuthi!" kukhala uGogo. "Udanise wemka kwakhona!"



They walked onto the street. Mimi's feet began to tap. Then her feet danced away. Step, hop, step, leap, skip, skip, leap!

"Come back!" shouted Gogo.

Bangena esitalatweni. Iinyawo zikaMimi zaqala ukungqisha. Zadanisa zemka. Nyathela, tsiba nyathela, xhuma, tsiba, tsiba, xhuma!

"Buya!" wakhwaza uGogo.

"Oh no!" cried Gogo, "Mimi has danced away again!" Gogo couldn't see Mimi anywhere. "Owu bantu bakuthi!" kukhala uGogo, "uMimi udanise wemka kwakhona!" UGogo wayengamboni kuyo yonke indawo uMimi.



One day, Gogo and Mimi went to the market.

"Mimi," said Gogo, "you can't dance here. It is too busy. Hold my hand and walk with me. I don't want to lose you."

Ngenye imini uMimi noGogo baya emarikeneni.

"Mimi," watsho uGogo, "awunakudanisa apha. Le ndawo ixakeke kakhulu. Yiza ndikubambe, sihambe kunye. Andifuni ulahleke."

Ekugaleni uMimi wahamba ecaleni kukaGogo. Kodwa kwakamsinyane iinyawo zakhe zaqalisa ukungqisha. Hayi ke emva koko zadanisa. Nyathela, tsiba, nyathela, xhuma, jika, tsiba!

At first, Mimi walked next to Gogo. But soon her feet began to tap. Then they danced. Step, hop, step, hop, turn, leap!



“Yes, Gogo,” said Mimi.

Mimi looked at her feet, “Did you hear that? No dancing!”

But her feet didn’t reply.

“Kulungile Gogo,” watsho uMimi.

UMimi wajonga iinyawo zakhe. “Nivile ke? Akufuneki nidanise!”

Kodwa zange ziphendule iinyawo zakhe.

“Akukho ntombazanana edanisa yo okhe wayibona?” UGogo ubuze umthengisi weziqhamo. Emva kwakhe kwakukho ibhokisi enkulu yeevatala. UGogo wayibona ingalo kaMimi ivele ebhokisini. UGogo wamtsala uMimi.

“Have you seen a dancing girl?” Gogo asked the fruit seller. Behind him was a big box of melons. Gogo could see Mimi’s arm sticking out of the box. Gogo pulled Mimi out.



“I am very angry with you, Mimi. We are going home now!”

Gogo pulled Mimi by the hand. They walked out of the market.

“Uyandicaphukisa kakhulu, Mimi. Masigoduke ngoku!”

UGogo wamtsala ngengalo uMimi. Babe bayemka njalo emarikeneni.



Get story active!

Here are some activities based on *Mimi's dancing feet* for you and your children to try.

- As you read the story together, make comments that help your children to explore the story. For example, after reading page 4, you could say, "I wonder why Mimi's feet didn't reply. Can you think why?"
- Draw your children's attention to the illustrations. For example, on page 7 you could say, "Look at Gogo. How do you think she feels?"
- Ask your children whether they think Mimi enjoys dancing – or, is it just her feet that enjoy it?
- Do your children like to dance? Play some music that you all enjoy and dance together. Or, play a dancing game together, like *Do the Hokey Pokey*.
- The picture alongside comes from the last page of the story. Encourage your children to write what they think Mimi and Gogo are saying as Mimi dances off down the street.



Yenza ibali linike umdla!

Nantsi eminye imisetyenzana onokuthi uyizame nabantwana bakho, nesekelwe kwibali elithi, *linyawo zikaMimi ezidanisayo*.

- Njengokuba nifunda ibali nikunye, yenza amagqabantshintshi anokunceda abantwana baphicothe ibali. Umzekelo, emva kokufunda iphepha lesi-4 ungathi, "Ingaba bethu kwakutheni ukuze zingaphenduli iinyawo zikaMimi? Nina nicinga ukuba kwakutheni?"
- Khombisa abantwana bakho imifanekiso. Umzekelo, kwiphepha lesi-7 ungathi, "Jongani uGogo. Nicinga ukuba uziva njani?"
- Buza abantwana bakho ukuba ingaba bacinga ukuba uMimi uyakonwabela ukudanisa – okanye, ingaba ziinyawo zakhe kuphela ezikonwabelayo kusini na?
- Ingaba abantwana bakho bayakuthanda ukudanisa? Dlala umculo eniwuthandayo xa ninonke nize nidanise. Okanye, dlalani umdlalo wokudanisa, ofana no-*Do the Hokey Pokey*.
- Lo mfanekiso ungasekhohlo uvela kwiphepha lokugqibela lebali. Khuthaza abantwana bakho babhale ukuba bacinga ukuba uMimi noGogo bathini njengokuba uMimi edanisa esihla ngesitalato.

Reading club tip #9

Let older children at your club read the "Story corner" stories on page 8 on their own and/or to the younger children.

Icebo le-9 leklabhu yokufunda

Vumela abantwana abadalana kwiklabhu yakho ukuba bazifundele amabali "akwiKona yamabali" kwiphepha lesi-8 kwaye/ okanye bafundele abantwana abancinane.



Collect the Na'ibali characters

Cut out and keep all your favourite Na'ibali characters and then use them to create your own pictures, posters, stories or anything else you can think of!

About Afrika

Age: 7

Sister: Dintle

Cousins: Neo and Mbali

Favourite snack: watermelon

Favourite places to visit: museums, science centres

Books he likes: "how to" books that give instructions for making interesting things, as well as fact books

Qokelela abalinganiswa beNa'ibali

Sika uze ugcine bonke abalinganiswa obathandayo beNa'ibali, uze ubasebenzisele ukwenza eyakho imifanekiso, iipowusta, amabali okanye nantoni na onokucinga ngayo!

Okumalunga noAfrika

Ubudala: iminyaka esi-7


Udade wabo: nguDintle

Abazala bakhe: nguNeo noMbali

Eyona nto athanda ukuyishwamza: yivatala

Ezona ndawo athanda ukuzityelela: iimyuziyamu, amaziko ezenzululwazi

Iincwadi azithandayo: "iincwadi ezibonisa ukuba izinto zenziwa njani na" ezinika imiyalelo yokwenza izinto ezinomdla kwakunye neencwadi ezinika amanqaku anobunyani.



Here's an idea...

Cut out and colour in the picture of Afrika and then paste it on a large sheet of paper. Then do one or more of the following things.

- Draw a thought bubble and then draw a picture inside it to show how Afrika is thinking of using the object he has made.
- Draw something on the end of the hook that will make this a funny picture!


Or, keep the picture in a safe place and when you have collected all the Na'ibali characters, use them to create your own Na'ibali poster!

Nantsi ingcingane...

Sika uze ufake umbala kumfanekiso kaAfrika, ze emva koko uwuncamathisele kuxwebhu lwephepha elikhulu. Emva koko ke yenza ibenye nangaphezulu kwezi zinto zilandelayo.

- Zoba iqampu leengcinga uze uzobe umfanekiso ngaphakathi kulo obonisa ukuba uAfrika ucinga ukuba uza kuyisebenzisa njani na le nto ayenzileyo.
- Zoba into ekupheleni kwehaki eza kuwenza lo mfanekiso ube ngumfanekiso ohlekisayo!

Okanye, wugcine lo mfanekiso endaweni ekhuselekileyo, uze xa sele ubaqokelele bonke abalinganiswa beNa'ibali, ubasebenzisele ukuzenzela ipowusta yakho!



Story corner

Here is the first part of a story for you to read aloud or tell. It is about Thukile, who tries to help in the most ridiculous ways!

Silly Thukile (Part 1) Retold by Wendy Hartmann

Once upon a time a young man named Thukile lived with his mother in a tiny house. They were very poor and the only money his mother made was by selling the eggs that her hen laid.

Thukile was so lazy that he did nothing. He would lie in the shade in the summer and sit by the fire in the winter.

One Monday morning Thukile's mother was so upset that she said, "Thukile, if you do not go and work for your food I will make you leave this house forever."

"I had better do something," Thukile said. "This time my mother sounds very cross."

On Tuesday, Thukile asked the farmer across the river for a job. The farmer got Thukile to fix his fence and paid him a few silver coins. Thukile bounced the coins up and down so that he could see them shine in the sun. But before he had crossed the river, he had lost all the coins.

"You silly boy," said his mother, "you should have put them in your pocket."

"Oh," said Thukile, "I'll do that next time."

On Wednesday, Thukile asked another farmer, "May I help you with your cows?"

"Yes," said the farmer, "and I will pay you a jar of milk."

At the end of the day, the farmer gave Thukile the jar of milk. Thukile put the jar into the pocket of his coat as his mother had said he should. Splish! Splash! Splosh! The milk spilt out and the jar was empty before he got home.

"Dear me, Thukile!" said his mother. "You should have carried the jar on your head."

"Okay," said Thukile, "I'll do that next time."

On Thursday, Thukile worked for a woman who made yoghurt. She gave Thukile some yoghurt for helping her. It was in an open plastic container that was wrapped in a cloth. Thukile put the container on his head as his mother had said he should. But by the time he got home, there was very little yoghurt left in the container.

"You silly boy," said his mother, "you should have carried it in your hands."

"Oh!" said Thukile. "I'll do that next time."

What do think Thukile is going to try next? Find out next week whether he is ever able to do something that is actually helpful to his mother!

In your next Nal'ibali supplement:

- Giving books as gifts
- Find out about International Picture Book Month
- Meet some of South Africa's picture book authors and illustrators
- A cut-out-and-keep book, *Swimming in the sun*
- The final part of the story, *Silly Thukile*

Our tip sheets offer easy ways for caregivers and volunteers to help children become successful readers at any age – and they're available in six South African languages! Download them for free at: <http://nalibali.org/resources/>.

Find us on Facebook: www.facebook.com/nalibaliSA
Sifumane kuFacebook: www.facebook.com/nalibaliSA



Ikona yamabali

Nantsi inxalenye yokuqala yebali onokulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise. Limalunga noThukile, owayezama ukunceda ngezona ndlela zakhe zahlekisa!

Isihiba esinguThukile (Inxalenye 1) Libaliswa kwakhona nguWendy Hartmann

Kudaladala indodana egama linguThukile yayihlala nomama wayo kwindlwana encinane. Babehlopheke kakhulu kwaye umama wakhe wayefumana imalana ngokuthengisa amaqanda esikhukukazi sakhe.

UThukile wayesonqena kakhulu kangangokuba wayengenzi nto tu kwaphela. Ehlotyeni wayengengqa emthunzini, aze ebusika othe umlilo.

Ngomnye uMvulo umama kaThukile wayenomsindo kakhulu kangangokuba wathi, "Thukile, ukuba awuphakami uyokusebenzela ukutya kwakho, ndiza kuqinisekisa ukuba uphuma uphele kule ndlu."

"Kungcono kubekho into endiyenzayo," watsho uThukile. "Kweli tyeli umama uvakala ekhathazeke kakhulu."



Illustration by Jiggs Snaddon-Wood
Umfanekiso nguJiggs Snaddon-Wood

NgoLwesibini, uThukile wacela umsebenzi kumfama ohlala phesheya komlambo. Umfama wathi uThukile makabiye iyadi yakhe, waza wamhlawula iingqekembe ezimbalwa zesilivere. UThukile wazijula phantsi naphezulu ezo ngqekembe ukuze azibone zimenyezela elangeni. Kodwa phambi kokuba awele emlanjeni, zazisele zilahleke zonke ezo ngqekembe.

"Sihibandini senkwenkwe," utshilo umama wakhe, "bekufuneka uzifake epokothweni."

"O, kunjalo?" watsho uThukile, "ndakwenza loo nto kwixa elizayo."

NgoLwesithathu, uThukile ucele umsebenzi komnye umfama. "Ndingazolusa iinkomo zakho?"

"Ewe," waphendula umfama, "ndize ndikuhlawule ngengqayi yobisi."

Ekupheleni kosuku, umfama wanika uThukile ingqayi yobisi. UThukile wayifaka epokothweni yedyasi yakhe njengoko wayeyalelwe ngumama wakhe. Kraty! Krapha! Lwachitheka ubisi lwade lwaphela engqayini phambi kokuba afike ekhaya.

"Zinkosi zam!" utshilo umama. "Bekufuneka uyithwale entloko ingqayi."

"O, kulungile," utshilo uThukile, "ndakwenza njalo kwixa elizayo."

NgoLwesine, uThukile wasebenzela umfazi owayesenza iyogathi. Lo mfazi wamnika iyogathi uThukile kuba emncedisile. Yayikwisikhongozeli esivulekileyo seplastiki, yaza yagqunywa ngelaphu. UThukile wayithwala entloko loo plastiki njengoko wayeyalelwe ngumama wakhe. Kodwa wathi xa efika ekhaya, kwabe sekusele iyogathi encinane kakhulu eplastikini.

"Sihibandini senkwenkwe," watsho umama wakhe, "ngowuyiphethe ngezandla zakho."

"O!" watsho uThukile. "Kulungile, ndakwenza njalo kwixa elizayo."

Ucinga ukuba uThukile uza kuzama ntoni kwixa elizayo? Funda kwiveki ezayo ufumanise ukuba ingaba ukhe ayenze kusini na into eluncedo kumama wakhe!

Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Ukunikezela ngeencwadi njengezipho
- Funda ze ufumanise malunga neNyanga yeHlabathi yeNcwadi zemiFanekiso
- Dibana nabanye bababhali nabazobi beencwadi zemifanekiso baseMzantsi Afrika
- Incwadana onokuyisika-ze-uyigcine ethi, *Ukuqubha elangeni*
- Inxalenye yokugqibela yebali elithi, *Isihiba esinguThukile*

Amaxwebhu ethu eengcebiso anika iimpelesi namavolontiya iindlela ezilula zokunceda abantwana babe ngabafundi abanempumelelo kubo nakubuphi na ubudala abakubo – kwaye ziyafumaneka ngeelwimi ezintandathu zaseMzantsi Afrika! Wakope simahla ku-<http://nalibali.org/resources/>.

